Isifundo 8

**Meyi 13–19*

UYesu Kwimibhalo KaPetros

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
1 Pet. 1:18, 19; Kol 1:13, 14; Isa. 53:1–12; Yohane 11:25; Nd. 18:50; 2 Pet. 1:1.

Indima Yenkumbulo:
"Owathi ngokwakhe, izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini, ukuze sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni; omivumbo yakhe naphiliswa ngayo" (1 Petros 2:24).

Njengoko sifunde u-1 Petros, kunokuba kucacile ukuba, nokuba umxholo uthini, nokuba imiba ekhethekileyo athetha ngayo, amehlo kaPetros ayekuYesu. UYesu ungena kuko konke akubhalayo; ngumsonto wegolide otyhutyhe ileta [yakhe].

Ukususela kumgca wokuqala, apho uPetros athi "[ungu]mpostile" (lowo uthunyiweyo") kaYesu Kristu, kude kuse kowokugqibela, xa ebhala, esithi, "Uxolo malube kuni nonke enikuKristu" (1 Pet. 5:14), uYesu ngoyena singaye womxholo wakhe. Kule ncwadi uthetha ngokufa kukaYesu njengombingelelo wethu. Uthetha ngokuva ubunzima okukhulu uYesu awaphumela kuko, kwaye usebenzisa umzekelo kaYesu koko kuva ubunzima njengesibonelo sethu. Uthetha ngokuvuka kukaYesu nentsingiselo yako kuthi. Ukongeza, uthetha ngoYesu, kungekuphela njengoMesiya, i-Christos, "othanjisiweyo," kodwa ngoYesu njengoMesiya Ongcwele. Oko kukuthi, sibona ku-1 Petros ubungqina obungaphezulu bemvelo engcwele kaYesu. WayenguThixo ngokwaKhe, oweza enyameni yomntu nowaphila wafa ukuze sibe nethemba kunye nesithembiso sobomi obungunaphakade. Kule veki, siza kubuyela emva ku-1 Petros siqwalasele ngakumbi koko akutyhila ngoYesu.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Meyi 20.*

UYesu, Umbingelelo Wethu

Umxholo owongameleyo weBhayibhile, mhlawumbi, owona mxholo wongameleyo, ngowomsebenzi kaThixo ekusindiseni uluntu oluwileyo. Kususela ekuweni kuka-Adam no-Eva kuGenesis kuse ekuweni kweBhabheli kwisiTyhilelo, isiBhalo, ngandlela ithile, sityhila umsebenzi kaThixo ekuzameni ukusindisa "oko kulahlekileyo" (Luka 19:10). Lo mxholo ke, ukwatyhiliwe nakwiileta zikaPetros.

Funda 1 Petros 1:18, 19 nomaKolose 1:13, 14. Kuthetha ntoni ukuhlangulwa, kwaye linantoni yokwenza nokuhlangulwa igazi?

_____

_____

U-1 Petros 1:18, 19 uchaza ukubaluleka kokufa kukaYesu ngolu hlobo: "Nisazi nje ukuba anihlawulelwanga nikhululwe ngazinto zinakonakala, oosilivere, noozigolide, . . . kwakungegazi elinqabileyo likaKristu, njengemvana engenasiphako." Mibini imifanekiso engundoqo kula mazwi: ukuhlawulelwa nombingelelo wesilwanyana [njengelemvana]. U-Ukuhlawulelwa usetyenziswa eBhayibhileni ngeendlela eziliqela. Umzekelo, izibulo lembongolo (elingenakubingelelwa) nonyana olizibulo (Exod. 34:19, 20) zizinto ezazihlawulelwa ngombingelelo wemvana emi endaweni yazo. Imali yayingenako ukusetyenziswa ukuthenga (ukuhlawula) izinto ezazithengiswe ngenxa yobuhlwempu (Lev. 25:25, 26). Okubaluleke kakhulu, ikhoboka lalingenakuhlawulelwa (Lev. 25:47–49). UPetros wokuqala uxelela abafundi ukuba ixabiso lokubathenga (lokubahlawulela) ukuba babuye "kwihambo yenu engento, enayinikelwayo ngooyihlo" (1 Pet. 1:18) lalingeyonto iphantsi kuba "kwakungegazi elinqabileyo likaKristu, njengemvana engenasiphako, engenabala" (1 Pet. 1:19). Umfanekiso wemvana, wona, uvusa imbono yombingelelo wesilwanyana.

UPetros ngoko ufanisa ukufa kukaKristu noko kwesilwanyana sombingelelo kwiBhayibhile yamaHebhere. Umoni wayezisa imvu engenasiphako engcweleni. Umoni wayebeka izandla zakhe phezu kwesilwanyana (Lev. 4:32, 33). Isilwanyana sasixhelwa, elinye igazi laso liqatywe esibingelelweni; elishiyekileyo liphalazwe esikhondweni (Lev. 4:35). UPetros uthi uYesu wafa endaweni yethu nokuba ukufa kwaKhe kwasihlawulela kubomi bethu bangaphambili nakwintshabalalo, ngokunjalo, eyayiyeyethu.

Into yokuba ithemba lethu lokusindiswa likho kuphela kummeli owohlwaywa endaweni yethu, isifundisa ntoni ngokuxhomekeka kwethu ngokupheleleyo kuThixo?

_____

Intlungu KaKristu

AmaKristu akholisa ukuthetha "ngentlungu kaKristu." Igama intlungu livela kwisiGrike kwisenzi esithetha "ukuva ubunzima," nentetho ethi "intlungu kaKristu" ikholisa ukubhekisa kwinto ekuveni ubunzima kukaKristu ngexesha lokugqibela ebomini baKhe, ukuqalela ekungenene ngoloyiso eYerusalem. UPetros, naye, uhleli kumxholo wokuva nzima kukaKristu ngezo ntsuku zokugqibela.

Funda 1 Petros 2:21–25 no-Isaiah 53:1–12. Zisixelela ntoni ngoko uYesu weva ubunzima ngako ngenxa endaweni yethu?

Kukho ukubaluleka okukodwa ngokuva ubunzima kukaYesu. Wathwala "izono zethu . . . ngomzimba wakhe emthini [intetho ebhekisa emnqamlezweni; thelekisa neZenzo 5:30], ukuze sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni" (1 Pet. 2:24). Isono sozisa ukufa (Rom. 5:12). Njengaboni, sifanelwe kukufa. Kanti, uYesu ogqibeleleyo—ekungafunyanwanga nkohliso emlonyeni wakhe (1 Pet. 2:22)—wafa endaweni yethu. Kolo tshintshelwano, sinecebo losindiso.

Funda Isaya 53:1–12 kwakhona. Zithi ezi ndima weva ubunzima njani uYesu ngenxa yethu ekusebenzeni kwaKhe icebo lokusisindisa? Kusixelela ntoni oku ngesimilo sikaThixo?

"USathana nezilingo zakhe ezoyikekayo wayikruna intliziyo kaYesu. UMsindisi akazange abone ngaphaya kwamasango engcwaba. Ithemba alizange limnike ukuba azibone ephuma engcwabeni engumoyisi, okanye limxelele ngokwamkela kukaYise umbingelelo. Woyika ukuba isono sasichaseke kangaka kuThixo kangangoku ukwahlukana kwabo kwakungunaphakade. UKristu weva ukubandezeleka okuya kuviwa ngumoni xa inceba iya kuba iyekile ukucengela uhlanga olunetyala. Yayiyimvakalelo yesono, sizisa ingqumbo kaYise phezu kwaKhe njengomi endaweni yomntu, eyenza ukuba indebe awayeyisela ibe krakra, iyaphule intliziyo yoNyana kaThixo."—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 753.

Imele ukuthini impendulo yethu kwinto eyathwalwa nguKristu ngenxa yethu? Sinokuwulandela njani umzekelo waKhe, ngokutsho kuka-1 Petros 1:21?

Lwesibini

Meyi 16

Ukuvuka KukaYesu

Funda 1 Petros 1:3, 4, 21; 3:21, Yohane 11:25, Filipi 3:10, 11; IsiTyhilelo 20:6. Leliphi ithemba elikhulu ezalatha kulo, laye linentsingiselo ethini kuthi?

Njengoko sesibonile, u-1 Petros ubhekisa kwabo beva ubunzima ngenxa yenkolo yabo kuYesu. Kufaneleke ngendlela eyodwa, ngoko, ukuba kwasekuqaleni kwale leta, uPetros ayitsalele ingqondo yabafundi bakhe kwithemba elibalindeleyo. Njengoko esitsho, ithemba lomKristu lithemba eliphilayo, kanye kuba lithemba elizinze eluvukweni lukaYesu (1 Pet. 1:3). Ngenxa yokuvuka kukaYesu, amaKristu anokukhangela phambili kwilifa elisezulwini elingenakonakala okanye libune (1 Pet. 1:4). Ngamanye amazwi, nokuba izinto zimbi kangakanani, cinga ngoko kusilindeleyo xa konke sekudlule.

Ngokwenene, ukuvuka kukaYesu kwabafileyo kusisiqinisekiso sokuba nathi siya kuvuswa (1 Kor. 15:20, 21). Njengoko uPawulos eyibeka, "ukuba ke uKristu akavukanga, loba luyinto engeyanto ukholo lwenu, noba nisesezonweni zenu" (1 Kor. 15:17). Ngenxa yokuba uYesu wavuswa kwabafileyo, ubonakalalisile ukuba unawo amandla okoyisa ukufa ngokwako. Ngoko ke, ithemba lomKristu lifumana isiseko salo kwisiganeko esiyimbalasane sokuvuka kukaKristu. Ukuvuka kwaKhe kusisiseko sokwethu ekupheleni kwexesha. Besiya kuba phi ngaphandle kwethemba nesithembiso? Yonke into uKristu awasenzela yona iphelela kwisithembiso sokuvuka. Ngaphandle koko, themba lini esinalo, ngakumbi kuba sisazi ukuba, ngokuchasene nenkolo eqhelekileyo yobuKristu, abafileyo balele bengazi nto engcwabeni?

"KumKristu, ukufa kukulala nje, umzuzu wokuthula nobumnyama. Ubomi bufihlwe noKristu kuThixo, kwaye, 'xa athe wabonakalaliswa uKristu, obubomi bethu, ngelo xesha niya kubonakalaliswa nani, ninaye ebuqaqawulini' Yohane 8:51, 52; Kol. 3:4. . . . Ekubuyeni kwaKhe kwesibini, bonke abanexabiso abafileyo, baya kuliva izwi laKhe, baphume beze kubomi obunobuqaqawuli nobungunaphakade."—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 787.

Cinga ngokufa okubonakala ngathi kusisiphelo. Kukhohlakele, akuxoleli, kwaye kuqinisekile. Kungani, ngoko, ukuba isithembiso sovuko sibaluleke kangaka kukholo lwethu nakuyo yonke into esiyikholelwayo nesinethemba layo?

UYesu NjengoMesiya

Njengoko sesibonile, enye yeendawo ezibalulekileyo zokujika kolungiselelo lukaYesu lwasemhlabeni kwakungexa, ekuphenduleni umbuzo owawungokuba ungubani na, uPetros waphendula: “Wena unguye uKristu, unyana kaThixo ophilileyo” (Mat. 16:16). Igama u-Kristu (christos ngesiGrike) lithetha “othanjisiweyo,” u-“Mesiya”; ngesiHebhere ngu-mashiyach. Liphuma kwingcambu ethetha “ukuthambisa,” laye lalisetyenziswa kwiimeko ezahluka-hlukeneyo kwiTestamente eNdala. (Laya lasetyenziswa kwenye indawo ukubhekisa kukumkani ongumhedeni, uKoreshi [bona ku-Isa. 45:1].) Ngoko, xa uPetros wambiza uYesu ngokuthi nguYesu uKristu, wayesebenzisa igama elalibonisa umgangatho ophuma kwiziBhalo zesiHebhere.

Funda iindima ezilandelayo zeTestamente eNdala ezisebenzise igama Mesiya okanye othanjisiweyo. Sifunda ntoni apho lisetyenziswe khona ngentsingiselo yalo? Unokuba waliqonda njani into eliyithethayo uPetros xa ebiza uYesu ngoMesiya?

Nd. 2:2 _____

Nd.18:50_____

Dan. 9:25_____

1 Sam. 24:6_____

Isa. 45:1_____

Nangona uPetros wayephefumlelwe yiNkosi ukuba amxele uYesu njengoMesiya (Mat. 16:16, 17), akuthandabuzeki ukuba wayengayiqondi ngokupheleleyo into ethethwa koku. Wayengazi ncam ukuba wayengubani uMesiya, wayeza kwenza ntoni, nokuba mhlawumbi, nokona kubalulekileyo, wayeza kuyifeza njani loo nto.

Ekusweleni ukuqonda, uPetros wayengeyedwa. Zazininzi iingcinga ezahlukeneyo kuSirayeli ngoMesiya. Kona nakuko, ukusetyenziswa kwegama u-Mesiya okanye othanjisiweyo kwezi ndima zingentla, kwakunganiki mfanekiso upheleleyo, nokuba babe nokucingela kangakanani ukuba uMesiya ekugqibeleni uya kuba ngubani enze ntoni.

UYohane 7:40 uveza okunye koko kwakulindelwe ngoMesiya: wayeya kuphuma kwindlu kaDavide, kwidolophu iBhetelehem (Isa. 11:1–16, Mika. 5:2). Bayifumana kakuhle leyo. Ekucingeleni okwakuqhelekile, phofu, uMesiya ophuma kwindlu kaDavide wayeya kwenza okwenziwa nguDavide: oyise iintshaba zamaYuda. Into eyayingalindelwanga, nguMesiya owayeza kubethelelwa emnqamlezweni ngamaRoma. Phofu ke, ngexesha wayebhala ileta yakhe, uPetros wayemqonda kakuhle uYesu njengoMesiya (wambiza uYesu ngoKristu kali-15 kuPetros wokuqala nowesibini) nako konke awayeza kwenzela uluntu.

UYesu, UThixo OnguMesiya

UPetros wayengazi kuphela ukuba uYesu unguMesiya, kodwa nokuba uyiNkosi, ngokunjalo. Oko kukuthi, ngexesha lezi leta, uPetros wayesazi ukuba uMesiya wayenguThixo ngokwaKhe. Nangona isihlonipho u-"Nkosi" sisenokuba nentsingiselo yehlabathi, isaci naso sinokucaca ukuba sibhekisa kuThixo. Ku-1 Petros 1:3 naku-2 Petros 1:8, 14, 16, uPetros ubhekisa kuYesu, uMesiya, kuKristu, njengeNkosi, uThixo ngokwaKhe. Njengabanye ababhali kwiTestamente eNtsha, uPetros uchaza ulwalamano phakathi kukaYesu noThixo ngamagama u-Yise noNyana. Umzekelo, "Makabongwe uThixo, uYise weNkosi yethu uYesu Kristu" (1 Pet. 1:3; thelekisa 2 Pet. 1:17). UYesu uchazwa njengoNyana oyintanda (2 Pet. 1:17), aye amanye amagunya kaYesu njengeNkosi, nomgangatho waKhe ezulwini, uvela kubudlelwane obukhethekileyo anabo noThixo uYise.

Funda 2 Petros 1:1, Yohone 1:1, noYohane 20:28. Zisixelela ntoni ngobuThixo bukaYesu?

_____

_____

U-2 Petros 1:1 uthi "[uThixo wethu, uMsindisi wethu uYesu Kristu." KwisiGrike semvelo, iqabane elifanayo (elingu-"u") lisetyenziswe kuThixo noMsindisi. Ngokwegrama kuthetha ukuba u-"Thixo" no-"Msindisi" basetyenziswe kuYesu. U-2 Petros 1:1, uthi eme njengesibonakaliso esicacileyo kwiTestamente eNtsha sobuThixo obupheleleyo bukaYesu. Njengoko amaKristu akuqala ayezama ukuqonda uYesu, amana eqokelela ubungqina beTestamente eNtsha ndawonye. Kwimibhalo kaPetros, uYise, uNyana, noMoya Oyingcwele bahlukene (umzekelo, uYise/Nyana: 1 Pet. 1:3, 2 Pet. 1:17; uMoya Oyingcwele: 1 Pet. 1:12, 2 Pet. 1:21), njengoko ngokwenene benjalo kwingxenye yeTestamente eNtsha. Kanti, kwangelo xesha linye, uYesu uzotywe njengoThixo ngokupheleleyo, njengoko anjalo uMoya Oyingcwele. Ekuhambeni kwexesha, emva kwengxoxo eninzi, ibandla laphuhlisa imfundiso yeziQu ezithathu ukuchaza kangangoko imfihlelo yezulu ngoThixo. ABalindi baquka imfundiso yeTriniti njengenye yeenkolo ezingama-28 ezisisiseko. Ngoko ke, sibona uPetros ezoba ngokucacileyo uYesu, engenguye uMesiya kuphela, koko enguThixo ngokwaKhe.

Xa ucinga ngobomi nokufa kukaYesu uze uphawule ukuba wayenguThixo, ingaba ikuxelela ntoni le nto ngohlobo lukaThixo esimkhonzayo nokuba kutheni kufuneka simthande simthembe? Yiza nempendulo yakho eklasini ngeSabatha.

_____

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Kubonakala kufanelekile ukuqala ngo'Mesiya' njengoko ibandla lobuKristu igama lalo lilifumana kwigama elisondeleyo lesiGrike, u-Christos, 'Othanjisiweyo.' Igama lesiHebhere layame kumhlanguli awayemlindele amaYuda, nowayeza kuba ngumthunywa kaThixo ekumiseleni ixesha labantu bakaThixo. Zozibini izaci sesiHebhere nesiGrike ziphuma kwingcambu ethetha 'ukuthambisa.' Ngokucacileyo, ngokumbiza ngokuthi 'Kristu,' ababhali beTestamente eNtsha, bamthabatha uYesu njengobekelwe bucala ukwenza umsebenzi okhethekileyo. "Isihlonipho sikho ngaphezu kwama-500 kwiTestamente eNtsha. Nangona kwakukho ngaphezu kwembono enye ngobuMesiya phakathi kwababephila noYesu, kwamkeleke jikelele ukuba ngenkulungwane yokuqala amaYuda afikelela ekumboneni uMesiya njengonolwalamano olulodwa noThixo. KwakungaYe uThixo awayeza kugqobhoza angene kwimbali yokuhlangula abantu baKhe. UYesu wasamkela isihlonipho u'Mesiya,' kodwa akazange akukhuthaze ukusetyenziswa kwaso; kuba isaci esi sasinobupolitiko obabusenza ukuba kube nzima ukusisebenzisa. Nangona wayengathandi ukuzimisa Yena ngaso (isaci) esidlangalaleni ukuchaza umsebenzi waKhe, uYesu akazange amkhalimele uPetros (Mat. 16:16, 17) kwanomfazi waseSamari (Yohane 4:25, 26) ngokusisebenzisa. Wayezazi Yena ukuba unguMesiya, njengoko kubonakala kwingxelo kaMarko yamazwi kaYesu angokunika omnye wabafundi baKhe indebe yamanzi, [xa athi] 'ningabakaKristu' (Marko 9:41)."—*The SDA Bible Commentary*, vol. 12, p. 165.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda: Isaya 53:1–12. Ngokwezi ndima, wenze ntoni uYesu? Bhala phantsi izinto kanye aye wazenza ngenxa yethu. Zeziphi iindlela esingabona ngazo ngokucacileyo kwezi ndima ingcamango kaYesu njengoMmeli wethu?

2. Kuyo yonke imbali, abanye basebenzise isithembiso seBhayibhile sobomi bamva ukunceda ukugcina abantu becinezelwe. Ewe kaloku, ubomi benu bunzima apha ngeli xesha, kodwa khangelani nje kwinto uThixo asithembise yona xa uYesu ebuya. Ngenxa yokusetyenziswa gwenxa kwale nyaniso ifundiswe eLizwini ikaThixo, abaninzi baya yala imbono yobomi obuzayo; endaweni yoko, bayibona iliqhinga nje labanye ukuba bacinezele abanye. Ungasabela njani kwesi simangalo?

3. Eklasini, qwalaselani impendulo yombuzo wangoLwesine ongobuThixo bukaKristu nento obusixelela yona ngesimilo sikaThixo. Kungani ukuba ubuThixo baKhe nento obuyivezayo ngoThixo buziindaba ezilunge kakhulu nje?

Notes